13 UCanzibe (Mei) 2024

IMVELAPHI UXWEBHU LOLWAZI

IQueenstown Quarry (Pty) Ltd –Isicelo Sokwandisa uMmandla waLungelo lweMigodi okhoyo kuMasipala weNgingqi wase-Enoch Mgijima kwiPhondo leMpuma Koloni

1 Injongo Yeli Xwebhu

Olu xwebhu lweNgcaciso yemvelaphi lwazisa bonke abathi abachaphazeleke kwinkqubo yesicelo sogunyaziso lwendalo esingqongileyo ekwandisweni kwendawo yokusebenza kwemigodi yase Komani ukuze kongezelelwe iindawo ezimelene nayo apho isimbiwa sifumaneka khona kugunyaziso oluqhubekayo. IQueenstown Quarry ngumsebenzi wezimbiwa owaziwayo we-quartzite kunye ne-dolerite (owawusebenza ukususela ngoo-1970) phantsi kweLungelo leMigodi (Ref. No: EC 009 MR/102) ekhutshwe ngokwe-MPRDA, kumyinge 36.25 ha kwiFama iLesseyton 81 phakathi kuMasipala weSithili saseChris Hani kunye noMasipala weNgingqi wase Enoch Mgijima kwiPhondo lase Mpuma Koloni. Oluxwebhu lukwajolise ekuboneleleni uluntu olunomdla noluchapazelekayo ngokuqonda ngenkqubo efanelekileyo kugunyaziso lwesicelo sendalo esignqongileyoekufuneka yenziwe kunye nokwazisa abachaphazelekayo ngolu lwazi lulandelayo:

- Isishwankathelo se project
- Indawo apho iprojeck izakuba khona
- Isakhelo somthetho kunye nenkqubo yolawulo lwendalo esigqongileyo ekufuneka lulandelwe
  - Indlela uluntu oluchaphazelekayo elungathatha ngayo inxaxheba kwi project.
  - Ubukho the drafti yokuhlola kunye nengxelo yovavanyo lweempembelo kwindalo esinggongileyo, Ingkubo yolawulo lwendalo esingqongileyo kunye nesicwangciso esihlangeneyo sokulawulwa kwamanzi ne nkunkuma ukuze uluntu luyiphononge kweye luhlomle.
  - Ifunameka njani ingxelo yendalo esingqongileyo.
  - Ukumenywa kwiindibano zokuthetha-thethana noluntu oluchaphazelekay.
- Lungabhalisa njani uluntu njengabantu abachaphazelekayo.
- Koluxwebhu kukho iform yokuphawula kunye nokubhalisa- uyamenywa ukuba uyigcwalise. Oku kukuqinisekisa ukuba siya rekhoda izimvo zakho kunye nokubhalisela ukuba unomdla kwaye uyachapazeleka. Oku kukuqinisekisa ukuba ufumana ulwazi olululo kwaye olusemgangathweni mayelana ne projekthi.

2 Intsusa Ye Project

IQueenstown Quarry (Pty) Ltd (emva kokuba yi Queenstown Quarry) inelungelo leMigodi yequartzite kunye nedolerite ngokubhekiselele kwiQuarry yaseQueenstown ekhutshwe phantsi kweSebe leMithombo yeziMbiwa naMandla (DMRE) (Ref No. EC 0009 MR). Lo msebenzi ukwanephepha-mvume lokomba kwaye iRef No. yayo ithi EC 10498 MP kwii hectare eziyi-4.9 kufuphi ngqo neLungelo lezeMigodi elanikezelwa ngomhla wama-27 kuNovemba wama-2020 apho iKomani Quarry (Pty) Ltd ingumnini wayo. Bobabini abanini abayi Komani kunye ne Queenstown Quarry bangene kwisivumelwano sokuthotywa kwemigodi kunye neRaumix Aggregates (Pty) Ltd eliziko elinoxanduva lwemiba yezemali nobugcisa obuquka ukusetyenziswa kwezixhobo ezikhoyo, iziseko ezingundoqo, abasebenzi, kunye nezinye iinkonzo eQueenstown Quarry.

IQuarry yaseQueenstown ichonge iindawo ezongezelelekileyo ezimelene nendawo abasenza kuzo kwilungelo eliphantsi lemigodi kufuphi neendwao apho imigodi yokwembiwo ikhoyo. IQueenstown Quarry ke ngoko iceba ukwandisa ummandla wamalungelo okumba ukuze uquke iiindawo ezongezelelekileyo kunye nokwandisa ubomi bomgodi (i-LoM) ukuze umsebenzi wabo uqhubeke nokubonelela ngemfuno ekhulayo yemveliso kwimarike yasemakhaya. Kubalulekile ukuqaphela ukuba iziseko zophuhliso, izixhobo zokusebenza kunye nabasebenzi abayi kutshintsha ukususka ngoku. Isicelo kukwandisa kuphela ubomi bomgodi ngokubandakanya iindawo apho isimbiwa sifumaneka khona.

Ukuze iQuarry yaseQueenstown yombe izimbiwa ezongezelelweyo, kufuneka iCandelo le-102 luhlaziye uuunyaziso lwendalo esigqongileyo kunye nenkqubo yemisebenzi yemigodi ukuze liquke indawo entsa enesimbiwa. IQuarry yaseQueenstown yenza isicelo sogunyaziso lwendalo esigqongileyo ukuze kwandiswe kwiQuery yaseQueenstown ecelwayo. Injongo yesi sicelo kukubonisa ulwandiso olucetywayo kunye nemisebenzi eyongezelelweyo eQueenstown Quarry eya kukhokelela ekuhlaziyweni kogunyaziso lwendalo esingqongileyo olubandakanya ukusebenza okukhoyo.

IQueenstown Quarry yonyule iQela leProjekthi lilandelayo ukuba liqhube inkqubo yesicelo eyimfuneko:

Indima	Umntu Onoxanduva	Inkampani
NEMA Application	Marli Burger (Registered EAP)	Aquastrat Solutions (Pty) Ltd
MPRDA (S102) Application	Greg Coates	Umhlaba Environmental Consulting CC
Public Participation Process	Vumile Ribeiro	Niara Environmental Consultants (Pty) Ltd

3 Indawo

Ifama: Umyinge oshiyekileyo we fama iLesseyton 81

Idolophu ekufutshane: Queenstown

Isithili soMasipala: Chris Hani District Municipality

Umasipala wendawo: Enoch Mgijima Local Municipality

4 Inkcazelo Yeprojekti

Misebenzi ephambili ibandakanya:

- Ukuqukwa kokongezeleka kwezimbiwa ezisondele kwindawo apho umgodi usebenza khona kunye nemvume yokumba kumyinge esuka kwi 36.25 ha iye kwi 79.3270ha.

5 Inkcazelo Yeprojekthi

Imisebenzi ephambili ibandakanya:

- Ukwandiswa kwendawo esele ikho yelungelo lokwembiwa ngokubandakanya izibonelelo ezongezelelweyo eziya kwandisa indawo ukusuka kwi-36.25 ha ukuya kwi-79.3270ha.
- Indawo yokwandiswa ecetywayo iboniswe kulo Mzobo ungezantsi. Lo mmandla uthathela ingqalelo oku kulandelayo;
  - Umthombo ochongiweyo ecaleni komqolo ukuya emazantsi nasentshona
  - Indawo echongiweyo yokugcinwa kwempahla ukuya emantla nasempuma
  - 50m isithinteli ukusuka ku-N6
  - Ukuqukwa kwephepha-mvume lokwemba eligcinwe yiKomani Quarry (Pty) Ltd eliza kuvalwa xa iS102 yamkelwe.
- Umsebenzi ngumgodi okhoyo, akamtshanga. Njengoko esi sicelo ikukwandisa nje indawo yamalungelo okumba ukuze iquke izixhobo ezongezelelekileyo eziya kwandisa ubomi bomgodi, imisebenzi yexesha elizayo iya kuba luqhubekeko lwento esele yenziwe ngoku ingezantsi:

Imisebenzi yangoku:
ULungiselelo lwesiza: • Ukususwa kwezityalo kunye nomhlaba ongaphezulu • Ukugcinwa komhlaba ongaphezulu • Ukubekwa kwezixhobo eziphathwayo • Ukusekwa kwamanzi esiphango kunye nolawulo lokhuseleko
Ukwembiwa kunye nokuLungiswa: • Ukugrumba kunye nokuqhushumba; • Ukutyumza, ukucoca kunye nokuhlamba usebenzisa isityalo esisisigxina kunye nesihambayo, • Ukulayisha kunye nokuthuthwa, • Ukugcinwa kwemveliso kunye nomthwalo ogqithisileyo
Ukubuyisela kwisimo sangaphambili: • Ukususa zonke iziseko ezingundoqo kunye nezixhobo kunye nokuhlola iimpawu zongcoliseko • Iindonga eziphakamileyo ezithambekileyo kunye nomthwalo wokuzalisa umva; • Ukusekwa kwezityalo zemveli; • Ukususwa kwezityalo ezingaqhelekanga
Iinkonzo ezixhasayo: • Ulawulo lwenkunkuma • Ucoceko; • Ukubonelela nokusetyenziswa kwamanzi; kwaye • Idizili

6 Isikhokelo Somthetho

Ukwandiswa okucetywayo kokusebenza kwemigodi kwiKwari yaseQueenstown kuya kufuna ugunyaziso lwendalo phambi kokuba kuqaliswe kwindawo eyandisiweyo. Isicelo sogunyaziso lwendalo esigqongileyo siya kungeniswa kwisebe Lezimbiwa naMandla njengogunyaziso olungileyo lweprojekthi ecetywayo. Izicelo ezisebenzayo eziza kuvavanywa zezi zilandelayo:

- Isicelo sogunyaziso lokusingqongileyo siya kwenziwa ngokubhekiselele kuggaqo we-31 ohlonyelweyo njengoko imisebenzi edwelisiweyo iya kuqhutywa ngokwemimiselo yovavanyo lweempembelelo kwindalo esingqongileyo ngokwehlelo, 2014, njengoko wabhengezwayo umthetho wovavanyo lweempembelelo kumthetho ka-1998 (uMthetho 107 ka-1998) (NEMA).

7 Ingxelo Yovavanyo Lweempembelelo Kwindalo Nokusingqongileyo

Iprojekthi ecetywayo ixhokonxa imisebenzi edwelisiweyo yovavanyo lweepembelelo yendalo nokusigqongileyo (EIA) okuka 2014 (GN R 982 kumhla we-4 kweyoMnga wama-2014 njengoko ihlonyelwe yi-GN R 326 yomhla we-7 kuTshazimpuzi ka-2017) ebhengezwe phantsi komthetho wolawulo lwendalo nokusingqongileyo ka-1998 (uMthetho we 710). ka-1998) (NEMA). Iprojekthi ixhokonxa usebenzi we-15 weaziso soluhlu 2 ngokomgaqo we31 kwaye ke ngoko ifuna inkqubo yovavanyo lweempembelelo kwindalo nokusingqongileyo (S&EIA) ukuba yenziwe kwaye yamkelwe phambi kokuba kuqaliswe imisebenzi yolwandiso lwe migodi. Le nkqubo ifuna inkqubo ebanzi yokubonisana noluntu. Ngokwale misebenzi ikhankanywe ngasentla, ingxelo yengcingane, iNgxelo yovavanyo lweepembelelo kwindalo nokusingqongileyo kunye nenkqubo yolawulo lwendalo elunxulumeneyo luya kwenziwa ukuxhasa iEA.



Umboniso 1: Indawo ekuceywa okungezelelwa kuzo kwisicelo se S102 eQueenstown Quarry

Kumxholo wemimiselo ye-EIA yeyonyaka we-2014 (njengoko ilungisiwe), sisixhobo esithatha iprojekthi ukususka kuqwalaselo oluphezulu lwemiba ukuya kutsho kunciphiso olusebenzayo okanye amanyathelo olawulo anokuphunyezwa ngendlela emanyeneyo nelawulwayo. Iinjongo kukunciphisa ukuphazamiseka kokusingqongileyo, amanyathelo akhoyo okunciphisa iimpembelelo ezichongiweyo, ukwandisa inzuzo enokubakho kokusingqongileyo kunye nokunika uxanduva lwezenzo zokuqinisekisa ukuba iinjongo ezimiselwe ziyafezekiswa. I-EMPr iya kuqulunqwa ngokweziphumo zengxelo yovavanyo lwendalo.

8 Indlela yovavanyo kunye nophononongo lweempmbelelo yendalo nokusigqongileyo

Inkqubo yovavanyo lweepembelelo kwindalo nokusigqongileyo iya kuqhutywa ngokwezigaba ezi-6 ezizezi;

- **Isigaba 1:** Ukuqaliswa kweproject;
- **Isagaba 2:** Ingxelo yo vavanyo lokuqala kuquka noluntu;
- **Isigaba 3:** Ukuphononongwa ngokusemagunyeni kunye nokwenziwa kwezigqibo;
- **Isigaba 4:** ingxelo yovavanyo lweempembelelo kwindalo nokusingqongileyo kunye nengqubo yolawulo lokusingqongileyo kuquka noluntu;
- **Isigaba 5:** Ukuphononongwa okusemagunyeni kunye nokuthathwa kwezingqibo, kunye
- **Isigaba 6:**Nokwaziswa koluntu olunomdla noluchapazelekayo ngezigqibo.

9 Inkqubo Yokuthatha Inxaxheba Kuluntu

INkqubo-sikhokelo yolawulo loMzantsi Afrika ifuna ukuba ikqubo yokuthatha inxaxheba kuluntu yenziwe njengenxalenye yesicelo sogunyaziso lwendalo nokusigqongileyo. Inxaxheba yoluntu ibandakanya ukwazisa abathathi-nxaxheba ngeProjekthi ecetywayo kunye nokubonelela amaqela anomdla nachaphazelekayo ngolwazi olwaneleyo ukuze kubekho uthetha-thethwano. Inxaxheba yoluntu iya kuba yinxalenye yenkqubo yesicelo sogunyaziso lwendalo nokusigqongileyo. Inxaxhebo yoluntu inika abachaphazelekayo ithuba lokwaziswa malunga neprojekthi ecetywayo, ukuphakamisa imiba exhalabisayo, kunye nokwenza iingcebiso malunga nenzuzo yeprojekthi eyandisiweyo.

Njengenxalenye yenkqubo, abachaphazelekayo bayaziswa kwaye bayamenywa ukuba babhalise njengamaqela anomdla nachaphazelekayo, bayamenywa ukuba bathathe inxaxheba kwinkqubo yogunyaziso lokusingqongileyo ngokuphawula ngeprojekthi, ukubuza imibuzo, kunye nokuphakamisa imiba / iinkxalabo eziya kubandakanywa amaxwebhu eprojekthi. Ukongeza kolu xwebhu, kumanqanaba ngamanqanaba enkqubo yogunyaziso lokusingqongileyo, ulwazi neengxelo ziya kwenziwa zifumaneke kwabo bachaphazelekayo ababhalisiweyo ukuba bahlomle ngazo. Uxwebhu lovavanyo luza kubhala iimbono kunye neenkxalabo zabachaphazelekayo kwaye yenze iqela leprojekthi kunye nogunyaziwe ofanelekileyo bazi ngemiba ekufuneka iqwalaselwe ngexesha lokuqulunqwa kunye novavanyo lweengozi ezinokubakho kunye neempembelelo ezinxulumene neProjekthi ecetywayo.

10 Ukufumaneka Kwe Ngxelo Eziyilwayo

I-Niara iya kwazisa onke amaqela abhalisiweyo anomdla nachaphazelekayo xa iingxelo eziyilwayo zifumaneka ukuze zihlolwe nguwonke-wonke kwaye zinike izimvo. Ixesha elaneleyo lophononongo lukawonke-wonke liya kubonelelwa, zinike izimvo ngeziphumo zoyilo lwengxelo yokuhlola kunye noyilo olulandelayo lwengxelo yovavanyo lweepembelelo kwindalo nokusigqongileyo(oku kusekelwe kumaxesha amisiweyo asemthethweni anikiweyo, oko kukuthi, iintsuku eziyi-30 kwingxelo eyidrafti

nganye). Ulwazi malunga nokuba ubani angafikelela njani kwezi ngxelo kuya kwaziswa ngawo onke ama qela anomdla kwaye abandakanyekayo abhalisiweyo.

11 Izimvo Kunye Nemibuzo

INiara wazisa onke amaQela anomdla naChaphazelekayo (I&AP's) ukuba iNgxelo yoYilo lweNgcingane iya kufumaneka ukuze ihlaziywe luluntu kwaye ihlomle ukusuka ngoMvulo we-13 kaMeyi ka-2024 ukuya kutsho uLwesine we-13 kaJune 2024 (iintsuku ezingama-30 zophononongo loluntu ngokusekwe kumaxesha amisiweyo asemthethweni) iindawo ezilandelayo:

- Iikopi ezithambileyo (ikopi yombane) yale Ngxelo ikhankanywe apha ngasentla ziya kufakwa kwiwebhusayithi yakwaNiara https://niara.co.za/downloads/ nakwiwebhusayithi yomhlaba https://umhlaba.co.za/public-participation/
- Iikopi eziprintiweyo kwiThala leeNcwadi laseQueenstown (i-Alexander Road, eQueenstown, 5320) nakwiHolo yoLuntu yase-Ekuphumleni, eLesseyton kufutshane naseKomani.
- Intlanganiso kawonke-wonke icwangciselwe ukuba ibanjelwe kwiHolo yakuphumleni ukuxoxa ngeProjekthi. Umhla wentlanganiso uya kwaziswa ngawo onke amaQela Anomdla Nachaphazelekayo abhalisiweyo.

Ukuba unqwenela ukunikezela ngezimvo, wamkelekile ukuba uqhagamshelane noVumile Ribeiro kwaNiara Environmental Consultants (Pty) Ltd (Ikhowudi yeprojekthi/ Inombolo yeReferensi UMH02).

Umntu woqhagamshelwano: Nks Vumile Ribeiro

Umnxeba: 082 767 2786

Ifeksi: 086 605 1810

I-imeyile: stakeholder@niara.co.za

Idilesi Yeposi: I-Ofisi 1 Indawo yasePalm Office Park 22 Bram Fischer Drive, Linden, Johannesburg, 2195

Ukuze uqinisekise ukuba uchangwa ngenjomntu onomdla okanye ochapazelekayo, nceda uthumele igama lakho, inombolo yakho yephone kunye nomdla kwi project kumntu omele iproject zingaphelanga iintsuku eziyi 30 ufumente oluxwebhu (ngo November 2023)